SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.

7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Ulelinye lamaqonga onxibelelwano√/uliqonga lonxibelelwano.√ (1)

1.1.2 Ngunyaka wama-2016√/ngowama-2016.√ (1)

1.1.3 Ngeevidiyo ezinomtsalane.√ (1)

1.1.4 Bubuxoki, kuba kuthiwa uyasetyenziswa nangoosomashishini.√√ (2)

1.1.5 Ngokuba *yona* ineevidiyo ezihamba nemifanekiso kunye nesandi esikumgangatho ophezulu kanti ezinye ii-ephu zihambisa imifanekiso neetekisi ezibhaliweyo kuphela.√√ (2)

1.1.6 '... selingaphaya kwebhiliyoni inani labantu abasebenzisa u*TikTok*.'√√ (2)

1.1.7 Kukukwazi ukuphawula.√
Kukubeka uphawu lokuyithanda ividiyo epowustiweyo.√
Kukwabelana ngevidiyo epowustiweyo.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.8 Ngokuthi kuncedise ekuphuculeni umxholo wevidiyo epowustiweyo.√√ (2)

1.1.9 B√/B ukuzenza zibe ngcono√/ukuzenza zibe ngcono.√ (1)

1.1.10 Kukudibanisa amazwi abantu ngobuchule ze kuphume isandi esiyinto enye ehlangeneyo.√√ (2)

1.1.11 Yimizuzu emithathu.√ (1)

1.1.12 Angakhetha umxholo otsala umdla.√√ (2)

1.1.13 Kukwakha iingxoxo ezakhayo.√
Kukufundisa.√
Kukuvuselela iimvakalelo zabalandeli.√
[Nayiphi enye kwezi.] (1)

1.1.14 Ndiyavumelana, kuba u*TikTo*k wenza ukuba usomashishini akwazi ukunxibelelana nabathengi ngeendlela ezahlukileyo nezinomtsalane.√√

**OKANYE**

Andivumelani, kuba namanye amaqonga onxibelelwano angenguye *uTikTok* awenza ngempumelelo umsebenzi wokudibanisa umthengi nomthengisi.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.15 Ukuba u*TikTok* useza kuhlala ekho ebomini bethu kwaye masimsebenzisele ukuzinceda.√√ (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

## UMBUZO 1.2

1.2 1.2.1 Kulo mfanekiso kukho iselfowuni esesandleni esikhonkxiweyo√√/ kukho isandla esikhonkxiweyo esiphethe iselfowni.√√ (2)

1.2.2 Ukuba umntu uxhomekeka ngokugqithisileyo kwiselfowuni ade angakwazi ukwahlukana nayo.√√ (2)

1.2.3 Akufanelekanga, kuba kubonisa ukuba umntu angalikhoboka elixhomekeke kwiselfowunini√√/kuba oko kungenza ukuba umntu angabi nalo ithuba lezinye izinto ezibalulekileyo.√√

**OKANYE**

Kufanelekile, kuba inika umntu isiqinisekiso sokuba iselfowuni yakhe iya kusoloko ikuye akwazi ukuyisebenzisa ngalo lonke ixesha eyidinga√√/kuba izinto ezininzi ebomini sele zisenziwa ngeeselfowuni.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

**Ukumakisha ushwankathelo**

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa amanqaku ama-2 olwimi.

**QAPHELA:**

- **Ifomathi:**
  - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umvіwa.

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



| | IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO | | IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO |
|---|---|---|---|
| 1. | Qiniseka ukuba ikhompyutha yakho inobuxhakaxhaka bokuhlaziya ukhuseleko lwayo. | 1. | Qinisekisa ubukho bobuxhakaxhaka bokukhusela ikhompyutha yakho. |
| 2. | Sebenzisa iphasiwedi ekunzima ukuba abanye abantu bayazi. | 2. | Yiba nephasiwedi engenakuqondwa mntu lula. |
| 3. | Musa ukuzivula iilinki kunye nezinto eziziziveleIayo kwiskrini, ezithunyelwa yimithombo ongayaziyo. | 3. | Sukuvula iilinki ezizivelela kwiskrini ungayazi imithombo yazo. |
| 4. | Gcina iinkcukacha zakho ezibalulekileyo ziyimfihlo. | 4. | Zifihle kangangoko iinkcukacha ezibalulekileyo. |
| 5. | Sukuvula okanye uthumele ii-imeyile zakho ezinolwazi oluyimfihlo ngeewayifayi eziphisayo. | 5. | Sukusebenzisa iwayifayi zamahala kwii-imeyile ezinolwazi olubalulekileyo. |
| 6. | Qiniseka ukuba iidilesi zeewebhu othenga kuzo nge-intanethi zinokhuseleko. | 6. | Qinisekisa ukuba kwi-intanethi uthenga kwiiwebhu ezineedilesi ezikhuselekileyo. |
| 7. | Fundisisa ipolisi yewebhusayithi uyiqonde kakuhle phambi kokuba ungene kuyo. | 7. | Yifunde uyiqonde ipolisi yewebhusayithi phambi kokungena kuyo. |

**[56 amagama]** **[42 amagama]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO C: ULWIMI**

**UKUMAKISHA ICANDELO C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

**UMBUZO 3**

3.1 Yi - IHESA√/Yi - Institutional Higher Education of South Africa.√/Liziko lemfundo i- IHESA.√ (1)

3.2 Namhlanje√
Ngoku√
[Nayiphi kwezi.] (1)

3.3 Sesokuba izifundo zeli ziko zidinga ukuba umfundi abe neleptophu ukuze akwazi ukuzenza√√/eli ziko linikezela ngezifundo ezenziwa kwileptophu.√√ (2)

3.4 *Achieving Excellence Together*.√ (1)

3.5 Kumfundi√/kumntu onqwenela ukuza kufunda kweli ziko. √ (1)

3.6 Kukutsala umnxeba.√
Kukundwendwela kwidilesi yeli ziko.√
[Nayiphi kwezi.] (1)

3.7 B√/B liyayalela√/liyayalela.√ (1)

3.8 Ayafikeleleka, kuba umfundi weli ziko uxhamla kwizifundo zetekhnoloji kwaye ukhetha ukubhatala ngexesha elivumelana nemali anokukwazi ukuyihlawula.√√

**OKANYE**

d
Awafikeleleki, kuba ayinguye wonke umfundi onokukwazi ukufikelela kumaxabiso abhengeziweyo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 4**

4.1 NguStahler.√ (1)

4.2 Yifowuni√/ngumnxeba√/yimfonomfono√/ngunomyayi√/yiselfowuni√/yiselula.√ (1)

4.3 B√/B uhoywe nguSethu√/ uhoywe nguSethu.√ (1)

4.4 Kubazali babo√/kumama notata wabo.√ (1)

4.5 Ukuba usengumntwana omncinci√√/ukuba akakakwazi ukuthetha kakuhle.√√ (2)

4.6 sele ekwazi ukuhamba.√ (1)

4.7 Owokubonisa ukuba abazali bakaVicky baphosiwe ngamanqanaba okukhula kwakhe√/ukugxininisa ukuba abazali bakaVicky abamazi ukuba uyahamba.√ (1)

4.8 Andivumelani, kuba luxanduva lwabazali ukuqinisekisa ukuba ixesha labo elininzi balichitha nabantwana babo ngaphezu kokuhlala kwiiselfowni√√/ kuba abazali bayazithathela isigqibo sokuchitha ixesha kwiselfowuni.√√

**OKANYE**

Ndiyavumelana, kuba iiselfowuni ziyazithimba iingqondo zabazali xa sele besithathile isigqibo sokuhlala kuzo, ngoko ke zizo ezibangela ukuba bangabi nathuba labantwana.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Ama-.√ | (1) |
| | 5.1.2 | C√/C sisimnini√/sisimnini.√ | (1) |
| | 5.1.3 | Umntu√ ufumana√ ulwazi. | (2) |
| | 5.1.4 | ... bona√ | (1) |
| | 5.1.5 | ... abantw<u>ana</u>√ | (1) |
| | 5.1.6 | (a) Abantu baza kusebenzisa u*Facebook*√/Abantu baya kusebenzisa u*Facebook*.√ | (1) |
| | | (b) Amaqonga onxibelelwano anceda abantu abaninzi√/ amaqonga onxibelelwano ayabanceda abantu abaninzi.√ | (1) |
| | 5.1.7 | Njalo - njalo.√ | (1) |
| | 5.1.8 | Kule√ mihla kulula ukushishina kwabantu.√ | (2) |
| | 5.1.9 | Sikwisixando sokwenzisa.√ | (1) |
| | 5.1.10 | ... asetyenziswa ...√ | (1) |
| | 5.1.11 | Kuba isibizo silandela isimelabizo sokwalatha√/isibizo silandela isalathisi√/isibizo sandulela isikhombisi√/isibizo silandela isikhombisi.√ | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | Musa ukucofa umnxeba√√/Sukucofa umnxeba!√√ | (2) |
| | 5.2.2 | Imbi into yokucofa umnxeba xa uhleli nosapho lwakho.√√ | (2) |
| | 5.2.3 | Utata uthi mababeke√ phantsi iminxeba.√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African